

Abone Ntoni na Endlwini Yakho?



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

Isaya 38; 39; 1 Kor. 7:12–15; 1 Pet. 3:1, 2; Heb. 6:12; 13:7; 3 Yohane 11; Isa. 58:6, 7, 10, 12.

Indima Yenkumbulo:

“Ke nina nisisizukulwana esinyuliweyo, isibingeleli esibukumkani, uhlanga olungcwele, abantu abayinqobo, ukuze nivakalise isidima salowo wanibizayo ukuba niphume ebumnyameni, ningene ekukhanyeni kwakhe okungummangaliso” (1 Petros 2:9).

Mhlawumbi sifikelele kumgangatho apho, masiyibulele iNkosi, ubomi bethu (okwangoku) busahamba kakuhle: usapho lulungile, umsebenzi ulungile, impilo nendyebo nazo zilungile. Okanye ke mhlawumbi akunjalo. Mhlawumbi ikhaya lakho, okwangoku, lisentlungwini, ingxubakaxaka? Nokuba kunjani, xa ubani efika chambele kwikhaya lakho, njengabathunywa baseBhabheli abahambela uKumkani Hezekiya, ithini impendulo enokunikwa kumbuzo owathi kamva wabuzwa ngumprofeti uIsaya kukumkani: “ ‘Abone ntoni na endlwini yakho?’ ” (Isa. 39:4). Abantu babone ntoni endlwini yakho? Izithunywa zezulu zibone ntoni? Kuphepheza umoya onjani apho sihlala khona? Angakwazi na umntu “ukusezela” ivumba elimnandi lomthandazo? Ingaba bukho na ububele, isisa, uthando okanye ukruthakruthwano, umsindo, intiyo, ubukrakra, okanye ukungavani? Angakwazi na umntu olapho ukumka ecinga ukuba uYesu ukho kweli khaya? Kukho imibuzo ebalulekileyo esimele ukuzibuza yona ngokubhekiselele kuhlobo lwekhaya esilenzileyo. Kule veki siza kuqwalasela kweminye imiba enokwenza ubomi bekhaya obuhle, sezikho zinjalo iimeko eziqinisekileyo zokruthakruthwano nokulwa ajongene nako amakhaya namhlanje.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJuni 22.*

Ukufunda Kwimpazamo Kakumkani

Funda ingxelo yokuphiliswa kukaHezekiya nokutyelelwa ngabameli baseBhabheli. 2 IZikr. 32:25, 31; Isaya 38; 39.

IsiBhalo sibonisa ukuba abathunywa babenomdla kwindlela engummangaliso wokuphila kukakumkani uHezekiya. Noko kunjalo, uHezekiya ingathi akazange athethe nto ngamava okuphiliswa kwakhe. Akazange ayicinezele eyona nto yayiza kuzivulela ekumazini uThixo oyinyaniso iintliziyi zaba bameli bafuna ulwazi. Umahluko phakathi kokuba nombulelo ngenxa yokuphiliswa kwisahluko sama-38 nokuthula kwakhe ngako kwisahluko sama-39 mkhulu. “UThixo wamyeka ukuze amvavanye.” Ukuhanjelwa sesi sizwe kwakusisiganeko esibaluleke kakhulu; ukanti, ayikho ingxelo ebhaliweyo kaHezekiya efuna inkokelo eyodwa ngaso kumthandazo wabaprofeti okanye wababingeleli. Kanti ke akazange angenelele uThixo. Eyedwa, engabonwa ngabantu, engacebisananga nabacebisi basemoyeni, uHezekiya wasuka wawenza umsebenzi kaThixo ebomini bakhe nasebomini besizwe sakhe wayinto etyhalelwe emva engqondweni yakhe. Injongo yombhali wembali ye-2 IZikronike 32:31 inokuba yayikukufuna ukubonisa indlela ekulula ngayo ukuba intsikelelo kaThixo ibonwe njengento ebifanele ukuba ibekho kakade, kwanendlela abo bafumana inceba yaKhe abasuka baneliseke bona ngayo.

Apha ngasezantsi zezinye izifundo ngokuthembeka kubomi basekhaya ezinokubhikiswa kumava kaHezekiya. Zeziphi ezinye ongacinga ngazo?

Lonke utyelelo kumakhaya amaKristu kulithuba lokuba abantu bahlangane nabalandeli bakaKristu. Bambilwa abatyeleli abakwazi ukuyiqala incoko ngezinto zasemoyeni. AmaKristu kufuneka afumane iindlela ezichubekileyo nezifanele ithuba elo ukuba athethe ngeendaba ezilungileyo. AmaKristu awabizelwanga ukuba abonise ngempumelelo ngezinto anazo okanye azenzileyo, nangona enako ukuzifumana ezi zinto njengeentsikelelo ezivela kuThixo. Abizelwe ukuba “avakalise indumiso kulowo unibizileyo ukuba niphume ebumnyameni nize ekukhanyeni kwakhe okumangalisayo.” (1 Pet. 2:9, NIV) okanye, ukusebenzisa amava kaHezekiya njengomzekelo, ukuvakalisa ukuba ayafa, kodwa uKristu uwaphilile; nokuba ayefile esonweni, waza uKristu wawavusa wawahlalisa kwiindawo ezisemazulwini (Efese 2:4-6).

Zeziphi iindlela oye ukwazi ngazo ukulisebenzisa ikhaya lakho ukuba lingqine kwabanye? Ungabelana njani ngokholo lwakho kuKristu ngokuphandle nezihambi ekhayeni lakho?

Usapho Kuqala

Abantu bokuqala ngokwendalo ukwamkela imizamo yethu yokwabelana ngegospile ngabantu abasemakhayeni ethu. Ayikho intsimi ebaluleke ukudlula le.

Zifundo zini ezinokuthatyathwa kuYohane 1:40–42 ngokwabelana ngokholo ekhaya? Bona nakuDut. 6:6, 7; Rute 1:14–18.

Ingxelo enika umdla. UAndreya wadlula ngaphaya kokunika nje ingxelo; wakulungiselela ukuba umntakwabo, uSimon, ukuba ahlangani noYesu. Ingxelo enika umdla ngoYesu nokumazisa kuye buqu—indlela elula kangako yokuthetha ngegospile kwizihlobo emakhayeni ethu! Emva kokumazisa, uAndrew wabuya umva. Ukususela ngoko, uYesu noPetros baba nolwalamano olulolwabo. Ukunceda abantwana bafikelele elukholweni. Kuyenzeka ukuba abantwana ekhaya bangabonwa njengabafanele ukwamkela kumalinge okwabelana ngegospile. Abazali baye baphazame ngokucingela ukuba abantwana baya kusuka bafunxe kubazali ubomi basemoyeni. Le nto akufuneki ukuba icingelwe njalo. Nangona abantwana befunda koko bakubukela kusenziwa, ikwayinyaniso into yokuba la malungu mancinane osapho lweNkosi ayakudinga ukuhoywa ewodwa nethuba lokwaziswa kuYo iNkosi. UDuteronomi 6 umile kule ndawo: Ingqwalaselo kufuneka inikwe ngolona hlobo lubalulekileyo kwimfundo yenkolo. Imikhwa ezingisileyo yasemoyeni nonqulo lwasekhaya zizinto ekufuneka zikhuthaziwe ekhaya. Ixesha nemizamo enyanisekileyo kufuneka yenziwe ngenxa yabantwana nolutsha.

Yintoni esinokuyifunda kumalinge ovangelo lukaNahomi? Rute 1:8–22.

URute wabona uNahomi ekuxinzelelo olukhulu: xa wayezama ukukhuthaza oomolokazana bakhe ukuba bemke xa wathi, esemsindweni noxinzelelo, walwa noThixo ngexesha wayekhumbula ilahleko yakhe (Rute 1:15, 20, 21). Akukho bungqina bunobuciko obunokunikwa ngaphezu kobukaRute ukubonisa ukuba ulutsha luyakwazi ukuhlangana nokuzinikela kuThixo ogqibeleleyo, naxa luthe lwaziswa kuYe ngumzali ongagqibelelanga.

Imbono yekhaya njengeyona ndawo ibalulekileyo yokuvangela inagalelo lini kwingqondo yakho ngakubantu abahlala nawe? Sebenzani kunye nilusapho ukwenza uludwe lwamalinge apathekayo anokwenziwa lusapho lwenu ukukhokelela kuKristu izizalwana zenu ezingekasindiswa.

Uxolo Oloyisayo

Inacebiso lithini iTestamente eNtsha kwimithshato eyahlulwe yinkolo? 1 Kor. 7:12–15; 1 Pet. 3:1, 2.

Intsikelelo yokuba liqabane elingumKristu. Ku-1 Korinte uPawulos uphendula kwingxaki yokuhlala utshatile neqabane elingakholwayo nokuba oko kungangamanelisi uThixo okanye kuzise ukungahlambuluki phezu kweso sibini kunye nabantwana baso. Akunjalo. Utsho uPawulos. Imeko engcwele yomthshato nokusondelelana kuyo kufuneka kuqhubekile emva kokuguquka kweqabane. Ubukho beqabane elingumKristu “kungcwalisa” elinye iqabane nabantwana besibini eso. Igama “ngcwalisa” limele ukuba liqondwe ngendlela ethi, amaqabane angakholwayo ayahlangana ngeentsikelelo zobabalo ngokuhlala namaqabane awo angamaKristu. Kubuhlungu kunjalo, iqabane elingakholwayo lisenokugqiba ukuba liwuncame umthshato. Nangona iziphumo ziya kuba zibi, ilizwi elinemfesane likaThixo wethu—ohlala eyiphakamisile inkululeko yokuzikhethele komntu—lithi “mvumele akwenze oko.” Ikholwa “alibotshelelwanga ziimeko.” (1 Kor. 7:15, NIV). Ukubizelwa ukuhlala eluxolweni. Eyona nto ekhetheka ngokucacileyo eLizwini likaThixo yeyokuba, seyikho injalo imingeni kwikhaya elahlukene ngokwasemoyeni, inako ukufumaneka indlela yokuba uxolo lukaKristu lulawule apho. Ithemba kukuwugcina umthshato uqinile, ukunika ubungqina boloyiso lwegospile naphakathi kobunzima, nokukhuthaza ulonwabo lweqabane elo lowo ukholwayo amnye kunye nalo ngokwasenyameni, nangona lingakholwa.

Inokuba ithini imida yomthwalo yalowo utshatileyo ngakwiqabane elingakholwayo?

Ububele obunothando, ukunyaniseka okungagungqiyo, inkonzo ethobekileyo, nokungqina okunomtsalane kulowo ukholwayo zizinto ezinokwenza ukuba kubenako ukumzuza loo mlingane ungenguye umKristu. Ukuzinikela emthshatweni wobuKristu kubakho ngokuhlonipha uKristu (thelekisa no-Efese 5:21). Xa iqabane lisebenzisa ulwalamano olunobuKristu kwelo qabane lingakholwayo, ukunyaniseka kokuqala kukholisa ukuba kuKristu. Ukuthembeka kumabango kaThixo ebomini bomntu akulindelanga ukuba iqabane liphatheke kakubi ezandleni zeqabane elindlongondlongo.

Ingaba ukho othile ebandleni lakho ozamazamana neqabane elingakholwayo? Ukuba unjalo, zeziphi iindlela eziphathekayo ongathi ube nokunceda ngazo?

Ubomi Bekhaya Kumelwe Ukwabelana Ngabo

Kwezi ndima zilandelayo, landa ukusetyenziswa kwiTestamente eNtsha kwala magama: “ukulandela” okanye “ukulinganisa.” Asixelela ntoni ngenkqubo yokuba ngumKristu okanye ukukhula ube ngumKristu? Ucinga ukuba athetha ntoni ngolwalamano phakathi kokuba ngumzekelo nokungqina? 1 Kor. 4:16, Efese 5:1, 1 Tes. 1:6, Heb. 6:12, 13:7, 3 Yohane 11.

Ukucinezela kweTestamene entsha ekulinganiseni kuvuma indawo ebalulekileyo yokuba ngumzekelo kwinkqubo yokufunda. Abantu bakholisa ukufana nalowo okanye naloo nto bayibukelayo. Lo mthetho-siseko uyasebenza kulwalamano kwiindawo zonke ngakumbi ekhaya, apho kuxhaphakileyo ukulinganisa. Abo abantwana balinganisa abazali babo nabanye abantwana bakowabo; amaqabane atshatileyo akholisa ukulinganisana. Le mbono inika umkhondo wendlela izibini okanye iintsapho ezinokuthwalela kwezinye izibini neentsapho ukungqina ngoKristu. Amandla empembelelo yasekuhlaleni. Siyangqina sisemakhayeni ethu xa sisenzela abanye amathuba okuba basiqwalasele nokuba, ngandlela ithile, babe nenxaxheba kumava ekhaya lethu. Abanye basuka bangabi nawo umzekelo olungileyo womtshato okanye ulwalamano losapho amabawulandele. Emakhayeni ethu, banokubona indlela umoya kaYesu owenza umahluko ngayo. UEllen White wabhala wathi, “Impembelelo yasekuhlaleni ingamandla amangalisayo. Sinako ukuyisebenzisa, xa sifuna, njengendlela yokunceda abo basingqongileyo.”—*The Ministry of Healing*, p. 354. Nilusapho elisisibini esitshatileyo, memelani esidlweni ezinye izibini, kubudlelwane, kanye ukufunda iBhayibhile, okanye xa bathe beza bekunye, kwinkqubo yokukhulisa [okanye yokuqinisa] umtshato, iindwendwe zibone umzekelo. Ukubonisa ukuvisisana, ukuqinisana, unxibelelwano, ukusombulula iingxabano, nokunyamezela iiyantlukwano, kungqina ngobomi bosapho olukuKristu.

Kule meko, phofu, yintoni ekufuneka sisoloko siyilumkele? Yer. 17:9, Yohane 2:25, Roma 3:23.

Landela amakholwa alandela uYesu. Yonke imizekelo yabantu ineziphoso; kodwa, ukungqina kwekhaya lobuKristu akujonge ukuba ngumzekelo oqgibelele ngokupheleleyo, Imbono yeTestamente entsha yokulinganisa lubizo kubantu ukuba balandele amakholwa alandela uKristu. Ingcamango yeyokuba, abantu bayakuyibamba inkolo kaKristu xa beyibona iboniswa ebomini babanye abangabantu nabakwazi ukwenza iimpazamo njengabo.

Yintoni onokuyenza ukulenza ikhaya lakho ukuba libe ngumzekelo ongcono wokungqina ngoKristu?

Amaziko Obubele Obusulelayo

Thelekisa okuthethwa yiBhayibhile ngokubuka iindwendwe neziganeko eziqinisekileyo kumakhaya eentsapho zeBhayibhile ezidweliswe apha ngaphantsi. Isa. 58:6, 7, 10–12; Rom. 12:13; 1 Pet. 4:9. Qaphela iimpawu zokubuka iindwendwe ezibonakalalisiweyo.

UAbraham noSara (Gen. 18:1–8)

URebheka nosapho lwakhe (Gen. 24:15–20; 31–33)

UZakeyu (Luka 19:1–9)

Ukubuka iindwendwe kuhlangebezana nezidingo zomnye umntu zokuphumla, ukutya, nobudlelane. Bukukubonakalaliswa okuphathekayo kothando oluzinikelayo. UYesu wahlanganisa ukubaluleka kokwazi ngoThixo ekubukeni iindwendwe xa wayefundisa ngokondliwa kwabalambileyo nokunikwa kwento yokusela kwabanxaniweyo, njengezenzo zokukhonza ezenziwa kuYe (Mat. 25:34–40). Ukusebenzisa ikhaya lomnye ekulungiseleleni kuqala nje ekumemeni abamelwani kuse ekubukeni iindwendwe okugqibeleleyo bokubolekisa ngegumbi kwixhoba eliphethwe gwenxa. Kunokuba bububele nje obulula, ithuba lokwenza umthandazo nomnye, okanye ukwenza izifundo zeBhayibhile. Ububele benene buphuma kwiintliziyo zabo bebechukunyiswe luthando lukaThixo baze bafune ukubonisa olwabo uthando ngamazwi nangezenzo.

Iintsapho, ngamanye amaxesha, zikhalaza ngokungabi nazindawo, ixesha okanye namandla okwenza ububele. Ezinye ziziva zingafanelekanga, zingenalwazi, zaye zingaqinisekanga ngokufikelela ngaphaya koko kuqhelekileyo ukuze zizayamanise nabangakholwayo. Ezinye zingabuphepha ubunzima obunokuthi bubekho ebomini bazo ngokuzibandakanya nabanye. Iintsapho ezininzi zangoku ziphazamisa ukubuka iindwendwe nokutenda [ukubizela nje ekutyeni].

Zeziphi iindlela elithi ikhaya lakho libonise imeko yakho yasemoyeni?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, “A Powerful Christian Witness,” pp. 35–39; “Attitude Toward an Unbelieving Companion,” pp. 348–352, in *The Adventist Home*; “Ministry of the Home,” pp. 349–355, in *The Ministry of Healing*; “Abameli Abaphuma EBhabheli,” pp. 340–348, *kuAbaprofeti NooKumkani*. Amandla ekhaya kuvangelo: “Intshumayelo yekhaya elililo, kwiintliziyi zabantu nobomi babo, ingaphezulu lee nakweyiphi intshumayelo enokushunyayelwa. . . . “Ummandla wempembelelo yethu ungabonakala ungavulekanga, isakhono sisincinane, amathuba embalwa, esikwazi ukukwenza kungabhekanga phi; kanti sinokwenza okumangalisayo ngokuthi sisebenzise ngokuthembeka amathuba amakhaya ethu.”—Ellen G. White, *The Ministry of Healing*, pp. 352, 355.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Buzani nokuba ngubani eklasini ukuba ingaba yimpembelelo yekhaya lomnye na elenza ukuba enze isigqibo ngoKristu. Xoxani nje ngaloo nto eyaba negalelo. Yintoni enokufunwa yiklasi kuloo mava?
2. Nina niyiklasi, zeziphi iindlela eziphathekayo eningalungiselela ngazo kusapho elinomlingane ongakholwayo?
3. Njengeklasi, thethani ngezinye zeengxaki zasekhaya ezisebenza ngokuchasene nokholo. Bhalani uludwe lwezinye zezi zinto; emva koko krwelani umgca onqumleza apho kuzo, nibhale phantsi izisombululo ezinokuba khona.
4. Ubomi basemfihlakalweni bamaKristu buyindlela yokungqina ebantwaneni, kwiqabane elingakholwayo, kwezinye izizalwana, neendwendwe. Naxa ukwabelana ngenkolo ekhaya kungasoloko kugqibelele njengoko ubani ebengathanda, okanye kuphume kwinguquko yezizalwana neendwendwe, amalungu osapho angagqibelelanga azama ukwalatha indlela esinga kuMsindisi ogqibeleleyo. Ngokubuka ngobubele okwenziwa egameni loMsindisi, bazisa phakathi kwabo imfesane kubo bonke ababomi babo bubachukumisayo. Cingani ngempembelelo yekhaya lenu kwabo banihambelayo. Yintoni eninokuyenza ukuze libe bubungqina bokholo obungcono kubo bonke abangena ngaphakathi kwamangano enu?